Isalathiso: 20190408-3548
Inombolo yefayili: 3/1/3/3
Imibuzo: KwiZiko leeFoni

ISetyhula: 0026/2019
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula inika ingcaciso ngeemfuno ezingumlinganiselo osezantsi zokwamkelwa kwiziqinisekiso zemfundo ii-Postgraduate Certificates in Education* kwakunye ne*National Professional Diploma in Education* kwiSigaba seSiseko neSigaba esiPhakathi nakwi*National Professional Diploma in Education.*

Isihloko: Ukuhlolwa kweziqinisekiso zemfundo: ii-*Postgraduate Certificates in Education* kwiSigaba seSiseko neSigaba esiPhakathi nakwi-*National Professional Diploma in Education Education*

1. Kuye kwaqatshelwa liSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) ukuba kungakho ukudideka ngokumalunga neziqinisekiso zemfundo ezikhankanywe ngentla ngokunxulumene noMthetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (uMthetho 76 ka-1998).

2. Kukhunjuzwa bonke abathathi-nxaxheba ukuba ngokoMthetho weNgqesho yooTitshala, 1998 (uMthetho 76 ka-1998), bonke ootitshala mababe neziqinisekiso zemfundo ezifanelekileyo zokufundisa.

3. Injongo yale setyhula kukunika ingcaciso ngeemfuno ezingumlinganiselo osezantsi zokwamkelwa kwiziqinisekiso zemfundo ii-*Postgraduate Certificates in Education* (*PGCE*) kwiSigaba seSiseko neSigaba esiPhakathi nakwi-*National Professional Diploma in Education* (*NPDE*):

4. Ukuhlolwa nokuqwalaselwa kweziqinisekiso zemfundo zootitshala ukulungiselela ukuqeshwa kwabo kumiselwe ngale ndlela ilandelayo:

4.1 Kumgaqo-nkqubo i-*Policy on the Minimum Requirements for Teacher Education Qualifications*, owawupapashwe *kwiGazethi kaRhulumente* No. 34467 yange-15 Julayi 2011.

4.2 KuMgaqo-nkqubo i-*Revised Policy on the Minimum Requirements for Teacher Education Qualifications,* eyayipapashwe *kwiGazethi kaRhulumente* No. 38487 yange-19 Februwari 2015.

4.3 Kumgaqo-sikhokelo i-*Higher Education Qualifications Sub-Framework of the National Qualifications Framework*, owapapashwa *kwiGazethi kaRhulumente* No. 36721 yange-02 Agasti 2013.

4.4 Kumgaqo-nkqubo i-*Policy on the Recognition and Evaluation of Qualifications for Employment in Education,* owapapashwa *kwiGazethi kaRhulumente* No. 40610 yange-10 Februwari 2017.

5. Inkqubo yokuxatyiswa kweziqinisekiso ii-*Relative Education Qualification Values* (*REQVs*) yabelwa iindidi zokuqala zeziqinisekiso zemfundo nendibanisela yeziqinisekiso zemfundo zokuqala, ezikwisigaba esiphambili neziqinisekiso zemfundo zasemva kwesidanga sokuqala (*initial, advanced and postgraduate qualifications*) ezifunyenwe ngootitshala ngabanye.

6. Umgaqo-nkqubo i-*Revised Policy on the Minimum Requirements for Teacher Education Qualifications*, epapashwe *kwiGazethi kaRhulumente* No. 38487 yange-19 Februwari 2015, umisela isikhokelo esithile sokwamkelwa kwabafundi kwisidanga i-*Bachelor of Education* (*BEd*) ne-*PGCE* kunye/okanye iiprogram ze*Continuous Professional Development* zizo zonke iindidi zamaziko.

7. Le migaqo-nkqubo ingentla kwakhona ingqinelaniswe neziqendu 1 no-2 zeSahluko B se-*Personnel Administrative Measures* (*PAM*), ezapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 39684 yange-12 Februwari 2016, emisela iimfuno ezingumlinganiselo osezantsi, kubandakanywa neemfuno ezingumlinganiselo osezantsi, kubandakanywa neemfuno zeziqinisekiso zemfundo zokungena kwizithuba zootitshala ezithile. Ayisebenzi kootitshala okanye kubahlohli abakwicandelo lasemva kwecandelo lenqanaba lesikolo okanye i-*Technical and Vocational Education and Training* (*TVET*), kwi-*Adult Education and Training* (*AET*) okanye kwiimeko ze*Community Education and Training* (*CET*).

8. I*Foundation Phase* okanye i-*Intermediate Phase PGCE* eyayifunyenwe emva kwe-15 Julayi 2011, iya kuhlolwa ngokwemigqaliselo neekhrayitheriya njengoko imiselweyo kwiiGazethi zikaRhulumente ezichazwe kule setyhula.

9. Iziqinisekiso zemfundo ezazifunyenwe phambi kwe-15 Julayi 2011, ziya kuhlolwa ngokwemigqaliselo neekhrayitheriya ezisebenzayo kunyaka lowo isiqinisekiso semfundo esasifunyenwe ngayo.

10. **Isiqinisekiso semfundo i-*Postgraduate Certificate in Education* (*PGCE*): iSigaba seSiseko**

10.1 Ukuze ube nako ukufundisa kwiSigaba seSiseko (amaBakala R ukuya kwele-3), kufuneka isiqinisekiso sokuqeqeshelwa ubutitshala esivunyiweyo (*480-credit Level 7 BEd degree* okanye i-*120 credit Level 7 Advanced Diploma in Foundation Phase Teaching* okanye i*Foundation Phase PGCE*) iyafuneka, ngokomhlathi 3 wesiqendu 5 somgaqo-nkqubo i-*Policy on the Recognition and Evaluation of Qualifications for Employment in Education,* owapapashwa *kwiGazethi kaRhulumente* No. 40610 yange-10 Februwari 2017.

10.2 Ukuze abafundi bakwazi ukuhlangabezana neemfuno zolwamkelo **kwiinkqubo zokufundisa kwiSigaba seSiseko kwi-*PGCE***, nokuba baqeshelwe ukufundisa kwesi sigaba, makuhlangatyezwane nezi mfuno zilandelayo:

10.2.1 Imfuno ekhankanyiweyo kumhlathi 12.11 womgaqo-nkqubo i-*Revised Policy on the Minimum Requirements for Teacher Education Qualifications*, owawupapashwe *kwiGazethi kaRhulumente* No. 38487 yange-19 Februwari 2015*,* imalunga noku.

10.2.2 Ukufundela ikhosi yesidanga esipheleleyo okuthatha ngaphezu kweesimesta ezimbini zonyaka zomlinganiselo osezantsi weekhredithi eziyi-30 ezigqitywa kwiNqanaba 5 le*NQF* kuthathwa njengokufanelekileyo ukufundisa uLwimi lweeNkobe, uLwimi loKuqala oloNgezelelweyo, iMathematika neZakhono zoBomi kwiSigaba seSiseko ukwenzela ukufundisa ukufunda, ukubhala nolwazi lokubala kwanokuxhobiseka ngeengcamango ezibaluleke gqitha zokuqala kunye nezakhono ezibeka isiseko sokufunda kwizigaba zexesha elizayo.

10.2.3 **Malunga nokufundisa iMathematika:** I-*Mathematics*, i-*Applied Mathematics, Statistics* okanye i-*Numerical Analysis*.

10.2.4 **Malunga nokufundisa iZakhono zoBomi:** I-*Psychology*, i-*Sociology*, i-*Philosophy*, i-*Political Science* ne-*Human Movement Science* okanye i-*Labour Studies*.

10.2.5 **Malunga nokufundisa iiLwimi:** Bonke abafundi abafundela ukufundisa iSigaba seSiseko mababe nobungcali ekufundiseni uLwimi lweeNkobe kolunye kwiilwimi zaseburhulumenteni, kunye nokuFundisa isiNgesi uLwimi loKuqala oloNgezelelweyo.

11. **Isiqinisekiso semfundo i-*Postgraduate Certificate in Education* (*PGCE*): iSigaba esiPhakathi**

Ukuze abafundi bakwazi ukuhlangabezana neemfuno zolwamkelo **kwiinkqubo zokufundisa i-*Intermediate Phase PGCE* (amaBakala 4 ukuya ku-7)**, babe nokuqeshwa ukuba bafundise kwezi zigaba, makuhlangatyezwane nezi mfuno zilandelayo:

11.1 Iimfuno ezikhankanywe kumhlathi 12.11 zomgaqo-nkqubo i-*Revised Policy on the Minimum Requirements for Teacher Education Qualifications*, owapapashwa *kwiGazethi kaRhulumente* No. 38487 yange-19 Februwari 2015, zimalunga noku.

11.2 Ukwenza ezi zifundo zilandelayo ubuncinane ukuya kutsho kwiikhredithi eziyi-30 eziphunyelelweyo kwiNqanaba 6 le*NQF* kwisidanga sokuqala kuthathwa njengokufanelekileyo ekufundiseni uLwimi lweeNkobe, uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo, iMathematika, iSayensi neThekhinoloji, iZakhono zoBomi neSayensi yezeNtlalo kwiSigaba seSiseko. Izifundo i-*Economics* ne-*Management Science* (*EMS*) iqaliswa kwiBakala 7 njengesifundo esikhethekileyo yaye iziqinisekiso zokufundisa zeSigaba seSiseko maziquke isifundo sesiseko sokufundisa i-*EMS*.

11.3 **Malunga nokufundisa iMathematika:** I-*Mathematics*, i-*Applied Mathematics*, i-*Statistics* okanye i-*Numerical Analysis*. Bonke abafundi abafundela ukufundisa iSigaba esiPhakathi mabaxhobiseke ngeengcamango zemathematika zesiseko ekusekelwe kuzo ikharityhulam yeMathematika yeSigaba esiPhakathi.

11.4 **Malunga nokufundisa iZakhono zoBomi:** I-*Psychology*, i-*Sociology*, i-*Philosophy*, i-*Political Science* ne-*Human Movement Science* okanye i-*Labour Studies*.

11.5 **Malunga nokufundisa iSayensi neThekhinoloji:** I-*Physics,* i-*Chemistry,* i-*Botany,* i-*Biochemistry,* i-*Mechanics,* i-*Biotechnology,* i-*Microbiology,* i-*Food and Clothing* nezifundo ezinxulumene ne-*Mechanical/Electrical Engineering*.

11.6 **Malunga nokufundisa iSayensi yezeNtlalo:** I-*History* ne-*Geography*.

11.7 **Malunga nokufundisa iiLwimi:** Bonke abafundi abafundela ukufundisa iSigaba esiPhakathi mababe nobungcali ekufundiseni uLwimi lweeNkobe kolunye kwiilwimi zaseburhulumenteni kwakunye nokufundisa isiNgesi uLwimi loKuqala oloNgezelelweyo. Ngaphandle kweemfuno zokufundisa ubuncinane iilwimi zaseburhulumenteni ezimbini, umfundi kwakhona makabe nobungcali ekufundiseni ubuncinane ezinye izifundo ezibini zeSigaba esiPhakathi ezikhethwe kwezi nkalo zezifundo sele zikhankanywe ngentla.

12. Abafundi abahlangabezana nayo le miqathango ingentla yokwamkelwa kwi*Foundation Phase* okanye kwi-*Intermediate Phase PGCE* mabaqwalaselelwe ukuqeshwa.

13. Kwiimeko apho ezi mfuno zingentla zingahlangatyezwanga, abafundi mabenze bagqibe izifundo ezingaphezulu ezingenanto yakwenza neenjongo zokufundela isidanga ukwenzela ukuba bakwazi ukuhambelana mbo neemfuno kwanokuvunywa ngokupheleleyo ngokubhekiselele kumvuzo kunye neenjongo ze*REQV* besakuba beqeshwe njengootitshala kwizikolo zikarhulumente.

14. Esakuba echazelwe utitshala ngazo naziphi na iimfuno ekungabanga nakuhlangatyezwana nazo, isithuba sexesha leminyaka emibini ukusukela kwixesha lenyoba yokuqala yokubhalisela isifundo esifanelekileyo (izifundo ezifanelekileyo) esiyimfuneko ukufezekisa iimfuno siya kuvunyelwa.

15. **Isiqinisekiso semfundo i-*National Professional Diploma in Education* (*NPDE*)**

Isiqinisekiso semfundo i-*NPDE* yayenzelwe kanye ootitshala abangenaziqinisekiso zemfundo zakufundisa kunye nabaneziqinisekiso zemfundo ezingagqibelelanga (*unqualified and underqualified*) ababefundisa kwizikolo zikarhulumente. Oku kubandakanya:

a) ootitshala ababeneziqinisekiso zokufundisa ezahlolwa njengezinganeno ku-*REQV* 13, kodwa ababeneminyaka emihlanu ubuncinane evunyiweyo/eqinisekisiweyo yamava okufundisa xa babebhalisela i-*NPDE;*

b) ootitshala ababeneziqinisekiso ngokungephi zemfundo yeekholeji ezazikho ngaphambili kodwa ababenabo ubuncinane bamava eminyaka emihlanu evunyiweyo/eqinisekisiweyo okufundisa xa babebhalisela i-*NPDE*; kunye

c) nootitshala ababengenaziqinisekiso (*unqualified*) zokufundisa kodwa ababeneminyaka emihlanu ubuncinane evunyiweyo/eqinisekisiweyo yamava okufundisa xa babebhalisela i-*NPDE*.

16. Kucelwa uqaphele, xa kwenzekile ukuba i*WCED* ifune uncedo ekuhloleni i-*Foundation Phase PGCE*, i-*Intermediate Phase PGCE* okanye i-*NPDE* yengqesho, oko makubhekiswe kwi-

Directorate: Teaching Qualifications and Programmes at the Department of Higher Education and Training (DHET).

17. Ubume beemeko buya kuhlolwa ngokwemeko nganye yaye apho kuqinisekisiweyo ukuba utitshala akanako ukuqwalaselelwa ingqesho yesigxina, kuya kukhutshwa ileta ecebisa utitshala nesikolo malunga nesisombululo ukuya phambili.

18. Apho kuqinisekisiweyo ukuba utitshala unokuqatshelelwa ukuqeshwa isigxina, isigqibo eso siya kuxhomekeka:
    a) ekubeni isithuba esingenamntu/esixhaswa ngemali siyafumaneka; kunye
    b) nasekuqinisekisweni kwentsebenzo encomekayo katitshala.

19. Kukhunjuzwa ootitshala ukuba bonke abenzi-sicelo sezithuba ezipapashiweyo mabakhuphisane ngokungenamkhethe kwinkqubo yokugaya nokukhetha abasebenzi.

20. Kucelwa uqinisekise ukuhambelana mbo nale setyhula yaye unike le ngcaciso ibaluleke kangaka bonke ootitshala ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2019-06-17